



## The power of books

**Books are powerful! They can shape the way we think and feel. They inspire us, and allow us to dream and to imagine. Books also help people to share what they know and understand with people they have never met. Books have the power to change lives!**

Every year on 23 April, South Africa celebrates World Book Day, which was created by UNESCO as a worldwide celebration of books and reading. It is celebrated in over 100 countries around the globe. World Book Day is a partnership between everyone who is passionate about getting children to love books and reading – authors, illustrators, publishers, literacy organisations, parents and other caregivers, teachers and librarians. We can all use this opportunity to make everyone more aware of how reading can be a satisfying and enjoyable activity – and of course, to invest in our children's literacy.

At Nal'ibali we believe that all children should:

- ✿ read regularly, purely for enjoyment.
- ✿ have access to a wide variety of books, from the moment they are born right through to adulthood.
- ✿ be allowed to use reading and writing in ways that are meaningful to them.
- ✿ have the opportunity to become literate in their home language and other languages.
- ✿ be inspired by the ways in which the adults around them use literacy on a daily basis.
- ✿ be encouraged and supported by all of us – at home and school, and in our libraries – as they travel on their literacy journey.

Last year on World Book Day, we launched our Children's Literacy Charter. This guide for adults describes the literacy experiences all our children should have if we want them to be able to use reading and writing successfully in their lives and to grow up full of curiosity to know more. (If you missed it last year, download your copy of the Children's Literacy Charter in any of South Africa's languages from our website: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).)

This year we are launching a version of this charter especially for children so that they become more aware of what they need to help them grow a love of reading, writing and books. Find a bilingual version of the Children's Literacy Rights poster inside this supplement – or download a version in another language from our website!

### INSIDE:

- ★ Children's Literacy Rights poster
- ★ Three new stories
- ★ Ideas for celebrating World Book Day

### NGAPHAKATHI:

- ★ Ipowusta yamaLungelo aBantwana eLitheresi
- ★ Amabali amathathu amatsha
- ★ Iingcebiso zokubhiyozela uSuku lweeNcwadi lweHlabathi

## Amandla eencwadi

**Iincwadi zinamandla! Ziyakwazi ukubumba indlela esicinga nesivakalelwa ngayo. Ziyasivuselela, kwaye zisivumela ukuba siphuphe, sizakhele nemifanekiso-ntelekelelo. Kananjalo iincwadi zisekwanceda abantu ukuba babelene ngoko bakwaziyo nabakuqondayo kunye nabantu abangazange bababona ngaphambili. Iincwadi zinamandla okuguqula ubomi babantu!**

Minyaka le, ngomhla wama-23 kuTshazimpunzi, uMzantsi Afrika ubhiyozela uSuku lweeNcwadi lweHlabathi, nolwayilwa ngabakwa-UNESCO njengomhla apho ihlabathi liphela libhiyozela iincwadi kunye nokufunda. Olu suku lubhiyozelwa kumazwe angaphezulu kwe-100 kwihlabathi jikelele. USuku lweeNcwadi lweHlabathi yintsebenziswano yabo bonke abantu abavuthayo luthando lokukhuthaza abantwana ukuba bathande iincwadi kwakunye nokufunda – ababhali, abazobi, abapapashi, imibutho yelitheresi, abazali neempelesi, ootiishala noosothala. Sonke singalisebenzisa eli thuba ukwenza wonke ubani akuqonde nangakumbi ukuba ukufunda kungayinto eyanelisayo neyonwabisayo – kube oko ke kukhokelela ekwakheni nasekutyebiseni ilitheresi yabantwana bethu.

KwaNal'ibali sikholelwa ukuba bonke abantwana kufuneka:

- ✿ bafunde rhoqo befundela nje ukuzonwabisa.
- ✿ bafikelele kwiintlobo ngeentlobo zeencwadi, ukusukela ekuzalweni kwabo ukuya kutsho ebudaleni babo.
- ✿ bavunyelwe ukuba basebenzise ukufunda nokubhala ngeendlela ezinika intsingiselo kubo.
- ✿ babenethuba lokwazi ukubhala nokufunda ngolwimi lwabo leenkobe kwakunye nezinye iilwimi.
- ✿ bavuselelwe ziindlela abantu abadala ababangqongileyo abayisebenzisa ngayo ilitheresi kubomi babo bemihla ngemihla.
- ✿ bakhuthazwe kwaye baxhaswe sithi xa sisonke – emakhaya nasesikolweni, nakumathala eencwadi ethu – njengokuba bekuhambo lwabo lweilitheresi.

Kunyaka ophelileyo ngoSuku lweeNcwadi lweHlabathi, sasungula owethu uMqulu okhuthaza iLitheresi yaBantwana. Esi sikhokelo sabantu abadala sicacisa amava elitheresi ekufanele ukuba bonke abantwana bethu benawo ukuba sifuna bakwazi ukusebenzisa ukufunda nokubhala ngempumelelo ebomini babo, ze bakhule bethakazelela ukwazi okuninzi ebomini. (Ukuba waphoswa kunyaka ophelileyo, zikopele owakho uMqulu okhuthaza iLitheresi yaBantwana nangaluphi ulwimi lwaseMzantsi Afrika olufunayo kwiwebhusayithi yethu engu-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).)

Kulo nyaka sisungula uhlaziyo lwalo mqulu olusingisele ngakumbi ebantwaneni ukuze baqonde nangaphezulu ukuba yintoni na abayifunayo enokubanceda bakhulise uthando lokufunda, lokubhala kunye nolweencwadi. Fumana uhlaziyo olungulwimi-mbini lwale powusta yamaLungelo aBantwana eLitheresi kolu hlelo – okanye uzikopele uhlaziyo ngolunye ulwimi olufunayo kwiwebhusayithi yethu!





Drive your imagination

Story Power.  
Bring it home.  
Wazise ekhaya amandla eballi.





# Children's Literacy Rights Amalungelo Abantwana Elitheresi



**1** To listen to hundreds and even thousands of wonderful stories, and tell our own stories too.

Ukuphulaphula amakhulu-khulu gxebe amawaka-waka amabali amnandi, size sikwazi ukubalisa nawethu amabali.



**2** To use our own languages and learn other languages. Ukusebenzisa iilwimi zethu kunye nokufunda ezinye iilwimi.

**3** To talk about stories and books with our friends, families and teachers.

Ukuncokola ngamabali neencwadi kunye nabahlobo bethu, iintsapho zethu kwanootitshala bethu.



**4** To be given opportunities to explore different types of writing – like stories, poems and information – from home and around the world.

Ukunikwa amathuba okuphonononga iintlobo ezahlukileyo zemibhalo – njengamabali, imibongo kunye nolwazi ngokubanzi – mibhalo leyo iyeyasekhaya nakwihlabathi jikelele.

**5** To spend time drawing, painting and playing with stories. Ukunikwa ixesha lokuzoba, lokupeyinta nelokudlala ngamabali.



**6** To get help from adults with our reading and writing, and with choosing interesting books to read. Ukufumana uncedo kubantu abadala ngokufunda nokubhala kwethu, nangokukhetha iincwadi ezinomdla zokufunda.



**7** To visit the library to find the books we want to read, and to grow collections of books at home. Ukundwendwela ithala leencwadi ukuze sifumane iincwadi esifuna ukuzifunda kwakunye nokuqokelela iincwadi ezininzi zokufunda ekhaya.



**8** To share our thoughts, dreams and stories through our own writing. Ukwabelana nabanye ngeengcinga zethu, ngamaphupha kunye nangamabali ngokuthi nathi sibhale.





# 10 ideas for World Book Day

Ukuze ufumane ezi ncebiso ngesiXhosa, tyhila kwiplepha le-4.

"A book is a dream you hold in your hands."  
Neil Gaiman,  
author

Here are some ideas for ways in which you can celebrate books and stories on World Book Day and long after the day itself!

1. Cut out the Children's Literacy Rights poster on page 2. Talk about it with your children and then display it in your classroom, in your library or on your fridge at home. Remember to talk about it again from time to time.
2. Nursery rhymes and songs are a great way to get very young children involved in World Book Day. Find books that have traditional rhymes and songs for babies and children in your home language and share them with your children – and don't forget to also share the ones you were taught as a child!
3. Read a story to your children and then suggest that they use playdough or clay to make models of the characters. Let them use their models to retell the story or tell their own stories. (If you are a teacher or librarian, you can divide the children into groups and let each child make a model of a different character from the story.)
4. Talk to primary- or high school-aged children about how having books in your life makes a difference. Then ask them to draw a picture, create a poster or a song or dance, or write a poem or rap to share their ideas with others. Remember to find an opportunity to display the children's pictures or posters, or to let them perform their songs, dances, poems or raps!
5. Ask the children to make a small donation for the right to come to school or your reading club dressed up as a favourite character from a book or story. Use the money raised to buy some new books for your school or club!
6. Provide some paper, pencil crayons and pens, and get older children to create their own picture books. Then set up a time for them to read their books to a group of younger children.
7. At the top of a large sheet of paper, write: **Books I think you would enjoy**. Under it create columns like this:
 

Book title	Author	My name	Age

Display the sheet of paper in your home, reading club, classroom, school or library, and encourage everyone to write up the names of books they have enjoyed reading. If you leave it up for long enough, you might have to add another sheet!
8. Have a readathon and see how many books each of you can read in a week! Or, encourage your children to see how many of each other's favourite books they can read in a week.
9. Get everyone to draw a picture of a character from one of the stories in this supplement or from a book they have enjoyed. Ask them to draw speech bubbles around the character and to then write questions they would like to ask the character in these bubbles.
10. Take photographs of you and your children enjoying one of the above activities (or any other World Book Day activity) and send it to us at [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), or post them on Facebook or Twitter using the hashtag **#WorldBookDay**. We'd love to share what you did with others on our Facebook page or in the Nal'ibali supplement!

## Reading club tip

Make your World Book Day celebrations a success by:

- ✓ planning well in advance, even if you have to celebrate after 23 April.
- ✓ meeting with the volunteers at your club to decide what you will do and who will be responsible for what.
- ✓ deciding beforehand which books and stories you'll focus on.
- ✓ telling the children what they can expect on the day.
- ✓ inviting the children's parents and caregivers to join in the celebrations at your club.

## WIN WITH NAL'IBALI AND PUKU!

It's time to get your pens out! The Puku Children's Literature Foundation has extended the deadline on its story-writing competition to 20 July 2015. To enter, you need to submit a handwritten story of between 500 and 1 500 words in isiXhosa on taking care of the environment. Children between the ages of 13 and 19 may take part. There are wonderful prizes to the value of R18 000 to be won! Send your story to: Puku Story Competition, PostNet Suite #14, Private Bag X1672, Grahamstown, 6140. For more details visit: [www.puku.co.za](http://www.puku.co.za).

## WINA NGONAL'IBALI KUNYE NOPUKU!

Lixesha lokuba nikhuphe iintsiba zokubhala zenu! Umbutho obizwa ngokuba yiPuku Children's Literature Foundation uwuhlehlisile umhla wokuvalwa kwamangenelo okhuphiswano lokubhala amabali ukuya kumhla wama-20 kweyeKhala 2015. Ukuze ungenele, kufuneka ufake ibali olibhale ngesandla neliphakathi kwama-500 ukuya kwi-1 500 amagama esiXhosa malunga nokukhathalela okusingqongileyo. Bangathatha inxaxheba abantwana ababudala buphakathi kweminyaka e-13 ukuya kwe-19. Kukho amabhaso amahle kakhulu anokuphunyelelwa naxabisa i-R18 000. Thumela ibali lakho ku-Puku Story Competition, PostNet Suite #14, Private Bag X1672, Grahamstown, 6140. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ndwendwela ku-[www.puku.co.za](http://www.puku.co.za).





# Iingcebiso ezili-10 ezinokusetyenziswa ngoSuku lweeNcwadi lweHlabathi

Turn to page 3 for these ideas in English.

"Incwadi liphupha elisezandleni zakho." nguNeil Gaiman, umbhali

Nazi iingcingane neengcebiso ezimbalwa ngeendlela eninokubhiyozela ngazo iincwadi namabali ngoSuku lweeNcwadi lweHlabathi neninokuzisebenzisa isidala emva kolo suku!

1. Sika ipowusta yamaLungelo eLitheresi aBantwana ekwiphepha le-2. Thetha ngayo nabantwana bakho uze uyixhome eklasini yakho, kwithala leencwadi lakho okanye kwisibandisi sakho ekhaya. Khumbula ukumane uthetha ngayo nabantwana bakho.
2. Izicengcelezo kunye neengonyana zizinto ezilungileyo zokubandakanya abantwana abancinane kakhulu kuSuku lweeNcwadi lweHlabathi. Funa iincwadi ezinezicengcelezo zentsusa kunye nezimbambazelo zeentsana nabantwana abancinane, ezibhalwe ngolwimi lwakho lweenkobe, ukuze wabelane ngazo nabantwana bakho – kwaye ungalibali ke ukwabelana nabo nangezo owawuzifundiswe usengumntwana nawe!
3. Fundela abantwana bakho ibali uze ubacebise ukuba basebenzise intlama yokudlala okanye udongwe ukuqingqa abalinganiswa. Bavumele basebenzise abalinganiswa babo ababaqingqileyo ukuze balibalise kwakhona ibali okanye babalise amabali abaziqambele wona. (Ukuba ungutitshala okanye usothala, ungabohlula abantwana babengamaqela uze uvumele umntwana ngamnye ukuba azenzele umlinganiswa owohlukileyo osebalini.)
4. Thetha nabantwana abakwixabiso leminyaka yokufunda kwisikolo samabanga aphantsi okanye aphezulu malunga neendlela iincwadi ezenza umahluko ngazo ebomini bakho. Emva koko bacele ukuba bazobe umfanekiso, benze ipowusta okanye baqambe ingoma okanye umxhentso, okanye babhale umbongo okanye ingoma eyirephu ukuze babelane nabanye ngeengcinga zabo kuzo. Khumbula ukufuna ithuba lokubonisa ngemifanekiso okanye ngeepowusta zabantwana, okanye ubavumele ukuba bacule iingoma zabo, benze imixhentso yabo, bacengceleze imibongo yabo okanye barephe!
5. Cela abantwana banikezele ngesipho esincinane ukuze babanelungelo lokuza esikolweni okanye eklabhini yokufunda yakho benxibe njengabalinganiswa ababathandayo abasencwadini okanye ebalini. Sebenzisa imali eqokelelweyo uthenge iincwadi ezintsha zesikolo sakho okanye iklabhu yakho!

6. Banike amaphepha, iikhrayoni zepensile kunye neepeni, ukuze ucele abantwana abadalana ukuba benze ezabo iincwadi zemifanekiso. Emva koko bekela bucala ixesha lokuba bafunde iqela labantwana abancinane iincwadi zabo.

7. Phezulu ephepheni elikhulu, bhala: **Iincwadi endicinga ukuba ungonwabela**. Ngaphantsi kwesi sihloko yenza imiqolo efana nale:

Iincwadi endicinga ukuba ungonwabela			
Isihloko sencwadi	Umbhali	Igama lam	Ubudala

Xhoma eli phepha ekhayeni lakho, eklabhini yokufunda, eklasini, esikolweni okanye kwithala leencwadi, uze ukhuthaze wonke umntu ukuba abhale amagama eencwadi akonwabeleyo ukuzifunda. Ukuba uza kulixhoma ixesha elide ngokwaneleyo, mhlawumbi kungafuneka wongeze elinye iphepha!

8. Bambani ukhuphiswano lwereadathon nibone ukuba zingaphi iincwadi umntu ngamnye anokuzifunda ngeveki! Okanye, khuthaza abantwana bakho ukuba bakhangele ukuba zingaphi na iincwadi ezithandwa ngabanye abantu abanokuzifunda ngeveki.

9. Cela wonke umntu ukuba azobe umfanekiso womlinganiswa okwelinye lamabali akolu hlelo okanye osuka ezincwadini abakhe bazonwabela. Bacele ukuba bazobe amaqampu entetho abo balinganiswa baze babhale kuwo imibuzo abangathanda ukuyibuza abo balinganiswa.

10. Zifote wena kunye nabantwana bakho nonwabele omnye kule misetyenzana ingentla (okanye nawuphi na umsetyenzana woSuku lweeNcwadi lweHlabathi) uze uthumele kuthi loo foto ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), okanye uyifake ku-Facebook okanye ku-Twitter usebenzisa uhashtag #WorldBookDay. Singathanda ukwabelana nabanye ngezinto enizenzileyo ku-Facebook wethu okanye kuhlelo lukaNalibali!

## Iingcebiso eklabhini yokufunda

Yenza eyakho imibhiyozo yoSuku lweeNcwadi lweHlabathi ibe yimpumelelo ngokwenza oku kulandelayo:

- ✓ cwangcisa kwangethuba, nokuba oko kuthetha ukuba uza kubhiyozela emva komhla wama-23 kuTshazimpunzi.
- ✓ dibana namavolontiya kwiklabhu yakho nigqibe ukuba niza kwenza ntoni na kwaye ngubani onoxanduva lokwenza ntoni.
- ✓ gqibani kwangethuba ukuba zeziphi iincwadi namabali eniza kugxininisa kuzo.
- ✓ xelela abantwana ukuba bangalindela ntoni ngolo suku.
- ✓ mema abazali babantwana kunye neempeseli zabo ukuze bazibandakanye kwimibhiyozo yeklabhu yakho.

## Create your own cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. Separate pages 5, 6, 11 and 12 from pages 7, 8, 9 and 10.
3. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again.
  - c) Cut along the red dotted lines.


## Zenzele ezakho iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine

1. Thattha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Wohlule amaphepha ukuqalela kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 kumaphepha aqalela kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10.
3. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza iincwadi nganye.
  - a) Songa iphepha phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulisonge phakathi kwakhona.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.





UBhantom wathi, "Hayi, khange ndiyibone, kodwa ndiza kunikhangelisa!"  
 UBhantom watsibela emgolo kuFudo waza ke uFudo waqhubeke nohambo, ebeleke uNkumba, uNgqatyana noBhantom.  
 Bakhangele bakhangele, kodwa kwakungekho mkhondo wandlu. Ngoku ke kwakusela kugalisa umoyana ohlabayo.



Ladybird said, "No, I haven't, but I'll help you look!"  
 She hopped onto Tortoise's back and on he went, with Snail and Sparrow and Ladybird sitting on his back.  
 They looked and looked, but there was no sign of a house. A breeze started to blow.

Fold

Emva kwexeshana badlula kuMpuku. Wayebekela isangqa seenatyambo. "Ingaba kukho into eniyikhangelayo?" wabuza uMpuku.  
 "Ewe Mpuku, ndikhangele indlu yam. Ingaba ukhe wayibona?" kwabuza uFudo. UMpuku wathi, "Hayi khange ndiyibone, kodwa ndiza kunikhangelisa!"  
 Watsibela kumgolo woFudo naye.



A little later they passed Mouse. He was making a garden of daisies.  
 "Are you looking for something?" asked Mouse. "Yes, Mouse, I'm looking for my house. Have you seen it, by any chance?" asked Tortoise. Mouse said, "No, I haven't, but I'll help you look!"  
 He hopped onto Tortoise's back.

# Tortoise finds his home

## UFudo ufumene ikhaya lakhe



Maya Fowler  
 Katrin Coetzer


We believe every child should own a hundred books by the age of five.

Become a book-sponsor and help change the world.

Get involved at [bookdash.org](http://bookdash.org)




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




Fold



One day Tortoise was walking through the veld. He was looking and looking. He gazed into the distance and squinted at the grass. Then he walked past Snail.

“Are you looking for something?” asked Snail.

“Yes, Snail, I’m looking for my house. Have you seen it, by any chance?” asked Tortoise.



A little later they passed Ladybird.

“Are you looking for something?” asked Ladybird.

“Yes, Ladybird, I’m looking for my house. Have you seen it, by any chance?” asked Tortoise.


Emva kwethuyana badlula kuBhantom. “Ingaba kukho into eniyikhangelayo?” wabuza uBhantom.

“Ewe Bhantom, ndikhangele indlu yam. Ingaba ukhe wayibona?” kubuza uFudo.



“Oh, here is Tortoise’s house!”

“Owu, nantsi ke indlu kaFudo!”



Tortoise walked on, with Snail and Sparrow and Ladybird and Mouse on his back. They looked and looked, but there was no sign of a house. The wind swept leaves off the ground and swirled them around Tortoise’s feet.


Tortoise got tired. “You lot are heavy,” he sighed.

“The wind got stronger. The sky turned dark. “Oh, where is my house?” asked Tortoise. Thunder roared in the hills. Lightning flashed in the distance. *Drip-drip* came the rain.

“Oh, where is Tortoise’s house?” asked Snail and Sparrow and Ladybird and Mouse.



Yathi xa ibhedana inamagama alikhulu kwaye noJoseph sele elixhego ngoku, umlilo wedlelo owawunweniswa ngumoyakazi ovuthuzayo wagubungela loo lali. Amadoda ayesilwa namadangaye aloo mlilo lo gama obatazi babeqokelela bonke abantwana nabantu abasele bekhulile ukuze bababekelwe elukhuselweni. Bonke basinda ngaphandle kukaJoseph, owayesele ethse wabhuhla ngesha befika kuye. Ukufa kwakhe kwachukumisa wonke ubani.



Fold

When the cradle had a hundred names on it and Joseph was an old man, a wild fire that was driven by terrific winds threatened the village. The men battled the flames while the women got all the children and the elderly to safety. All but Joseph, it was too late by the time they reached him. His death touched everyone.



When the old yellowwood tree blows down, Joseph carves a beautiful cradle from it for his new baby daughter, Sisi. The cradle passes from baby to baby in their village, and each baby's name is carved on its sides. Then a fire sweeps through the village, and kills Joseph. Years later when Sisi is expecting her first grandchild, she looks for the cradle, but can't find it. She fears that it has also been destroyed ... but she's in for a wonderful surprise.

Wathi wakuwa umthi womkhoba omdala ngenxa yomoya, uJoseph wakrola ibhedana entle yosana ngesiqu sawo, eyenzela usana oluyintombi yakhe, uSisi. Le bhedana yayisuka kolu sana iye kolunye apho elalini yabo, kwaye igama losana ngalunye lalikhrolwa emacaleni ale bhedana. Kwabakho umlilo owatshisa wabhuqisa apho elalini, waza wabulala uJoseph. Kwaqengqeleka iminyaka emininzi waze wathi xa uSisi elindele owakhe umzukulwana wokuqala, wakhangele le bhedana yosana, kodwa akayifumana. Wayecingela ukuba nayo inokuba yatsha ... kodwa wothuswa kokungalindelekanga konke.

# Joseph's cradle

## Ibhedana yosana kaJoseph



Jude Daly  
Magriet Brink

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Fold



Emva koko, ngononophelo olukhulu, uJoseph wayesongeza igama losana olo kuluhlu olwalusanda awayelukrola emacaleni ebhedana leyo.



Fold

Nlengaye wonke ubani elalini, usisi wasebenzisa ixesha lakhe esakha oko bekutshatyalaliswe ngumilio, elungisa kwaye eccca emva komilio lowo. Ngoko ke kwadlula ixeshana phambi kokuba acinge ngebhedana yosana katata wakhe. Inokuba yayaphi? Ingaba kwakungkho usapho olusayisebenzisaayo? Kodwa kwakungkho namnye umntu eyayikuye apho elalini. Ngosizi, wagqiba kwelokuba inokuba nayo yatsha apho emililweni. Ngoku umzukuliwana kasisi, owayeza kuzalwa xa kuphinde kwaphuma inyanga ephelleyo, akasayi kulida kuyo.

Like the rest of the village, Sisi spent her time re-building and cleaning up after the fire. So it was a while before she thought of her father's cradle. Where was it? Was it being used? But no one in the village had it. Sadly, it too must have been lost to the fire. Now Sisi's grandchild, due by the next full moon, would never sleep in it.



Shortly before Sisi was born, a terrific wind brought down the old yellowwood tree that had, it seemed, stood in the village forever. The loss was felt by everyone. Never again would children swing from its branches and never again would people find shelter from the hot sun in its dappled shade.

Fold





But, in a neighbouring village, Themba's baby son was growing fast. Already he had outgrown the very cradle that Themba had once slept in. So, for the last time, he rocked his son to sleep in it. It had been kind of Joseph to let him take the cradle out of the village. Now it was time to take it back.




That night Sisi stood and watched as an almost full moon rose high in the sky. Soon a newborn baby, Joseph's first great-grandchild, would be rocked to an African lullaby in a beautiful yellowwood cradle. "Thula thul, Thula baba, Thula sana."

Ngobo busuku uSisi wema wabukela njengokuba inyanga ephantse yaphela inyukela phezulu esibhakabhakeni. Kungekudala usana oluzayo, isizukulwana sokuqala sikaJoseph, luza kuthuthuzelwa, lushukushukunyiswe luculelwe ingonyana yesintu yokulalisa iintsana kuloo bhedana yosana yomkhoba intle. "Thula thula, Thula bhabha, Thula sana."

Kuthe kungekudala kakhulu, uSisi wakhula akakwazi ukulala kule bhedana yosana yaze yadluliselwa kumelwane ukuze alalise usana lwakhe olusandul' ukuzalwa. Kwathi kanti kukqala kwesithethe ngolo hlobo. Lonke usana olusandul' ukuzalwa kule lali lwaluliswa kule bhedana yosana kaJoseph.

All too soon, Sisi outgrew the cradle and it was passed to a neighbour for his newborn baby. A tradition had begun. Each newborn baby in the village slept in Joseph's cradle. Then, with great care, he would add their name to the growing list carved on its sides.



Kanye nje phambi kokuba uSisi azalwe, umoya ombi ovuthuzayo wasiphula umthi womkhoba ekwakucingelwa ukuba uya kuma apho elalini unaphakade. Ukuwa kwaloo mthi kwachaphazela kwaye kwachukumisa wonke ubani. Abantwana babengasayi kuphinda badlale ujingi kumasebe awo nabantu abadala babengasayi kuphinda bahlale emthunzini wawo opholileyo kwingqatsini yelanga.




Uthe ke akuzalwa usisi walaliswa kwakule bhedana yosana apho wayethuzelwa, ashukunyiswe khona eculiwa ingonyana yokulalisa iintsana ethi, "Thula thula, Thula bhabha, Thula sana."



And when Sisi was born, it was in this cradle that she was rocked to an African lullaby, "Thula thul, Thula baba, Thula sana."

The next day, to the sounds of ululating and the stamping of feet, Themba returned the cradle to the village, and to Sisi. On its sides, there were now a hundred and one babies' names and on the headboard, carved with great care, just one name ... Joseph.



But Sisi's father, Joseph, was determined that the old tree should not be forgotten and so he set about carving a cradle from its beautiful wood.


Kodwa, utata kaSisi, uJoseph, wayezimisele ukuba loo mthi womkhoba mdala awusayi kulityalwa waze waqalisa ukukrola ibhedana yosana kwisiqu sawo esihle.

Ngosuku olulandelayo, kuvakele izandi zokuyiyizela nokungqisha kweenyawo kuxhentswa, uThemba wayebuyisa ibhedana yosana, eyibuyisela kuSisi. Emacaleni ayo, kwakukrolwe amagama eentsana alikhulu elinanye kwaye kule ndawo yokubeka intloko, kwakukrolwe ngononophelo olukhulu, igama elinye kuphela ... uJoseph.

Fold

Fold 10





UFudo waqhubeke nohambo lwakhe, ebeleke uNkumba, uNqatyana, uBhantom, kunye noMpuku. Bakhangelela bakhangelela, kodwa kwakungekho mkhondo wandlu. Umoya wawuphaphathekisa amagqabi aze ajikeleze ngasezinyaweni zikaFudo. Nina UFudo wafunyanwa kukudinwa. “Nina niyandisinda,” watsho ngesingqala. Umoya waya uqina ngokuqina. Isibhakabhaka saguquka saba myama. “Owu, ingaba iphi na indlu yam?” Kwawakala iindudumo ezindulini. Kwakanyeza imibane mgama. *Chapha-chapha* yagalisisa ukunetha imvula. “Owu, ingaba iphi indlu yoFudo?” kwabuza uNkumba, uNqatyana, uBhantom kunye noMpuku.




And then came the hail, *tip-tip-tip*. Tortoise got such a fright he shrank into his shell. It was warm and cosy there.


“Oh, here is my house!” he said.

Emva koko kwalandela isichotho, *qhubu-qhubu-qhubu*. UFudo woyika kakhulu kangankokuba wazisonga wangena kwiqokobhe lakhe. Kwakushushu kamnandi ke apho.

“Owu, nantsi ke indlu yam!” watsho uFudo.




He flapped his wings and he whizzed away. “But you’re going too fast for me,” complained Tortoise. Sparrow came back. “All right, then I’ll hop on too.” Tortoise carried on walking, with Snail and Sparrow perched on his shell. They looked and looked, but there was no sign of a house. The sun had inched lower in the sky. Waphakuzelisa impiko zakhe, wabhamba, wakhokela uNqatyana. “Kodwa ukhawuleza kakhulu kumam,” ukhalaze watsho uFudo. UNqatyana wabuza kwa oko. “Kulungile ke, UFudo waqhubeke nohambo lwakhe, ebeleke uNkumba noNqatyana. Bakhangelela bakhangelela, kodwa kwakungekho mkhondo wandlu. Ilanga lalisela lithambeka ngoku.



Ngenye imini uFudo wayehamba-hamba ethafeni. Wayekhanga-khangela efuna-funa. Waqwalasela mgama, encine namehlo kuloo ngca. Waza ke wadlula kuNkumba. “Ingaba kukho into oyikhangelayo?” wabuza uNkumba. “Ewe Nkumba, ndikhangela indlu yam. Ingaba ukhe wayibona?” kubuza uFudo.





Emva kwethuyama badlula kuNgqatyana.  
 “Ingaba kukho into enyikhangelayo?”  
 wabuza uNgqatyana.  
 “Ewe Ngqatyana, ndikhangela indlu yam.  
 Ingaba ukhe wayibona?” wabuza uFudo.  
 UNgqatyana wathi, “Hayi, khange ndiyibone,  
 kodwa ndiza kukukhangela!”

A little later they passed Sparrow:  
 “Are you looking for something?”  
 asked Sparrow.  
 “Yes, Sparrow, I’m looking for my house.  
 Have you seen it, by any chance?” asked Tortoise.  
 Sparrow said, “No, I haven’t, but I’ll help  
 you look!”

Snail said, “No, I haven’t, but I’ll help  
 you look!”

She climbed onto Tortoise’s shell. Tortoise  
 walked on with Snail on his back. They looked  
 and looked, but there was no sign of a house.  
 The sun was high in the sky.

UNkumba wathi, “Hayi, andikhange  
 ndiyibone, kodwa ndiza kukukhangela!”

Wakhwela ke kwiqokobhe likaFudo.  
 UFudo wahamba ebeleke uNkumba emhlana.  
 Bakhangela bakhangela, kodwa kwakungekho  
 nomncinci umkhondo wendlu yakhe. Ilanga  
 lalisele lenyukele phezulu esibhakabhakeni.



The wind whirled and whipped. It blew Snail  
 and Sparrow and Ladybird and Mouse right off  
 Tortoise’s back.

Umoya wavuthuza kakhulu. Waphathekisa  
 uNkumba, uNgqatyana, uBhantom kunye  
 noMpuku baya kuwa qelele.







## Get story active!

After you and your children have read the storybooks in this supplement, you might like to try some of these ideas. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

### Tortoise finds his home

- ★ Discuss different homes with your children. What does their home look like? How is this the same and different from a tortoise's home?
- ★ Go through the story again, but this time pay attention to how the weather changes as part of the story. Find the words in the story that describe this and then ask your children to help you look for clues for these weather changes in the pictures.
- ★ Throughout the story, the animals try to help tortoise. Look at page 15 together and ask your children how they think Tortoise repaid their kindness at the end of the story.



## Yenza ibali linike umdla!



Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde iincwadi zamabali ezikolu hlelo, mhlawumbi ungathanda ukuzama ezinye zezi ngcingane. Khetha ezo zifanele ubudala kunye nemidla yabantwana bakho.

### UFudo ufumene ikhaya lakhe

- ★ Xoxani ngamakhaya ohlukileyo kunye nabantwana bakho. Ingaba akhangeleka njani amakhaya abo? Ingaba la makhaya abo afana njani kwaye ohluke njani kwelo khaya lofudo?
- ★ Phindani nifunde ibali kwakhona, kodwa kweli lixa qondisisa indlela imozulu etshintsha ngayo njengexalenye yebali. Funa amagama achaza oku ebalini, uze ucele abantwana bakho ukuba bakuncede ufumane imikhondo neempawu zokukutshintsha kwemozulu emifanekisweni.
- ★ Kwibali nje xa lilonke, izilwanyana zizama ukunceda ufudo. Jongani nonke kwiphepha le-15, ze ubuze abantwana bakho ukuba bacinga ukuba uFudo wabubuyisa njani ububele ezimenzele bona ezinye izilwanyana ekupheleni kwebali.

## DID YOU KNOW?

Here are ten interesting facts about tortoises. How many of them did you already know?

1. Tortoises are reptiles and have scales all over their skin.
2. Many people think that tortoises only have a shell on top, but their protective shells actually go right around their bodies.
3. Tortoises' shells are bones that have grown outside their bodies to make a suit of armour for the tortoise.
4. Tortoises protect themselves from being eaten by pulling their heads, legs and tail into their shell.
5. Tortoises are vegetarians - they eat only plants!
6. They can live for as long as people do. Some of them live for over 90 years!
7. There are about 40 different types of tortoises living in different parts of the world.
8. South Africa has 12 different types of tortoises. This is the largest number of different tortoises in the world.
9. The smallest tortoise on the planet lives in Namaqualand.
10. Tortoises lived on Earth even before dinosaurs lived here!



## UBUSAZI NA?

Nanga amanqaku anomdla malunga noofudo. Ingaba mangaphi kuwo osele uwazi?

1. Iimfudo zizilwanyana ezirhubuluzayo kwaye zinamaxolo kuwo wonke umzimba wazo.
2. Abantu abaninzi bacinga ukuba iimfudo zineqokobhe ngaphezulu kuphela, kodwa inyaniso yeyokuba amaqokobhe azo akhuselayo angena ngqo ade aye kuphumela emizimbeni yazo.
3. Amaqokobhe eemfudo ngamathambo akhule aphuma ngaphandle kwimizimba yazo ukuze enze icangci lokukhusela ufudo.
4. Iimfudo zizikhusela ukuze zingatywa ngokutshonisa iintloko zazo, imilenze kunye nemisila yazo emaqokobheni azo.
5. Iimfudo zizidla-mifuno - kaloku zitya izityalo nje kuphela!
6. Iimfudo zingaphila ixesha elilingana nelabantu aba. Ezinye zide ziphile iminyaka engama-90!
  7. Kukho iintlobo ezohlukileyo ezimalunga nama-40 zeemfudo ezifumaneka kwiindawo ezohlukileyo ehlabathini.
  8. UMzantsi Afrika uneentlobo ezi-12 zeemfudo. Eli lelona nani liphezulu leemfudo ezohlukileyo ehlabathini.
  9. Olona fudo luncinane ehlabathi luhlala eNamaqualand.
  10. Iimfudo zaziphila eMhlabeni zingekabikho kwa ukubakho needayinaso!

### Joseph's cradle

- ★ Look at the illustrations more closely and discuss them with your children. Ask questions like the following:
  - **Pages 6 and 7:** Can you see Sisi? What is she doing? Can you see where her mother and father are? What are they doing?
  - **Pages 8 and 9:** What can you see in this picture?
  - **Pages 12 and 13:** Do you think the people in the village are happy to have the cradle back? How can you tell? Can you see all the names on the cradle?
- ★ Children love hearing about what they were like as babies! Tell them a story about when each of them was a baby.
- ★ Suggest that your children use paper and sticky tape to make a cradle and a baby to put inside it. Let them use these to tell their own stories.

### Ibhedana yosana kaJoseph

- ★ Jonga emifanekisweni ngononophelo uze uxoxe ngayo nabantwana bakho. Buza imibuzo efana nale ilandelayo:
  - **Iphepha le-6 nele-7:** Uyambona uSisi? Wenza ntoni? Uyambona umama notata wakhe apho bakhoyo? Benza ntoni?
  - **Iphepha le-8 nele-9:** Ingaba ubona ntoni kulo mfanekiso?
  - **Iphepha le-12 nele-13:** Ucinga ukuba ingaba abantu bale lali bonwatyswe kukufumana ibhedana yosana kwakhona? Utsho njani? Ingaba uyawabona onke amagama akrolwe kule bhedana yosana?
- ★ Abantwana bayakuthanda ukuva ukuba babenjani ngokuya babesezintsana! Babalisele amabali okuba elowo nalowo wayenjani ebusaneni bakhe.
- ★ Cebisa abantwana bakho ukuba basebenzise iphepha kunye neteyiphu ukuze benze ibhedana yosana kunye nosana abaza kulufaka kuyo. Bavumele ukuba basebenzise ezi zinto ukubalisa awabo amabali.

## NAL'IBALI ON RADIO!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show: Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m. SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



## UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali: Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45. Kwi-SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.



Drive your imagination



# Hare and Hedgehog

Retold by Elaine Ridge  Illustrations by Mieke van der Merwe

Many years ago there was a hare that could run faster than any other animal on the farm. He was very, very proud that he could run so fast. He could not help reminding the other animals what a fine runner he was.

"I am faster than the wind," he boasted again and again to his friend, Hedgehog.

One morning Hare and Hedgehog met at the gate leading to a field on the farm. It did not take Hare long to boast, "I am the best runner in the world. I am faster than the wind."

"I don't think so," said Hedgehog firmly. "I think even I could run faster than you."

"A slowcoach like you?" Hare laughed nastily. "You don't have a hope of running faster than me."



Hedgehog thought for a bit. Then he spoke quietly, "All right. Let's see who's faster. We can race against each other tomorrow. We will run from this gate to the bottom of the field and back again."

"Fine," said Hare. "I won't even have to run to beat you, old Short Legs."

"You'll see," said Hedgehog. "You don't have to have long legs to win a race, you know. I'll meet you at this gate tomorrow, just after sunrise. I will win the race. You must promise me that when I do you will never call me Short Legs or Slowcoach again."

"All right," agreed Hare, very sure of himself. "If you really want to race me, you can. I promise I will not call you Slowcoach or Short Legs – IF you win. Of course, that's never going to happen. I am faster than the wind. I will get to the bottom of the field and back while you are still thinking about starting. Then I will be able to call you Short Legs or Slowcoach as often as I like. Ha! Ha!"

Hedgehog told his older brother about the race, "Oh dear," said his brother, "you have made a terrible mistake. Whatever made you take on something so impossible? Hare is faster than the wind. Now he will be able to call you Slowcoach and Short Legs for the rest of your life."

"Don't worry," said Hedgehog. "I have a plan. A very clever plan. If you help me, we can teach Hare a lesson. He will have to stop boasting – and he will never be able to call me Slowcoach or Short Legs again!"

The next day Hedgehog got to the gate long before Hare. As usual, it took Hedgehog a long time to get there, but he was waiting with

a smile on his face when Hare bounded up just before the sun peeped over the hill.

"Good morning, Short Legs. Are you sure you still want to race me? You know you haven't the slightest chance of winning. Are you ready to be beaten? Remember, I can run faster than the wind," said Hare.

Hare was so sure that he was going to win that he had even been thinking up some new names to call Hedgehog after the race. This was going to be fun.

Hedgehog just smiled quietly. He stood calmly waiting at the starting line. "Let's just make sure of the rules," he said. "We're going to race to the bottom of the field, and then back to this gate, right?"

"Yes," said Hare. Then he shouted, "Ready! Steady! Go!" and bounded away as fast as he could.

As he got near to the bottom of the field, he couldn't help chuckling to himself. "Hedgehog is probably still trying to get started. Oh, he is such a slowcoach."

Imagine his surprise, then, when Hedgehog popped up cheerfully at the bottom of the field and cried out, "Got here before you!"

Hare stopped for a moment. Then he turned and ran back faster than he had ever run before. He didn't usually puff and pant, but he was puffing and panting and sweating by the time he touched the gate. He looked over his shoulder. There was no sign of Hedgehog. This time, he was sure he had won. Then a happy voice came from the other side of the gate. "Once again, I got here before you!" It was impossible! But there was Hedgehog, smiling sweetly at him.

Hare could not believe his eyes. Hedgehog had beaten him. He turned away and walked slowly home with his head hanging down.

But how had Hedgehog managed to beat Hare? The truth is that he didn't run at all. When Hare set off for the bottom of the field, Hedgehog hid near the gate. His brother was already hiding at the bottom of the field. When Hare reached the bottom of the field, it was the brother who popped up and said, "Got here before you!" Hare was so surprised that he didn't even notice that it was a different hedgehog. When Hare reached the finish, puffing and panting and sweating, all Hedgehog had to do was to come quietly out of his hiding place and say, "Once again, I got here before you!"



Hare never boasted again – at least not to Hedgehog. He became a much nicer friend. He never called Hedgehog nasty names again. And he never found out how Hedgehog had won the race.





# UMvundla kunye neNcanda



Libaliswa kwakhona ngu-Elaine Ridge  Imifanekiso nguMieke van der Merwe

Kudala-dala kwakukho umvundla owawubaleka kakhulu, usogqitha zonke ezinye izilwanyana zasefama. Wawuzingca, uzidla kakhulu ngamendu awo. Wawusoloko udlisela, uzikhumbuza ezinye izilwanyana ngokuba yimbaleki kwawo.

“Ndibaleka ndishiya nomoya,” wawuqhayisa utsho, uphinda-phinda loo mazwi kumhlobo wawo, uNcanda.

Ngenye intsasa uMvundla noNcanda badibana esangweni elibakhokelela emasimini, kwasefama apho. UMvundla awuphosisanga maseko, waqalisa ukuqhayisa, “Ndiyeyona mbaleki yakha yakho ehlabathini. Ndibaleka ndishiya nomoya.”

“Andiboni kanjalo mna,” watsho uNcanda ngokuzithemba. “Ndingca ukuba nam lo ndingakogqitha ngokubaleka.”

“Unwabu olunjengawe?” wahleka uMvundla umsinekele. “Uyaziqhatha ukuba uthi wena ungandodlula ngamendu.”



UNcanda wacinga umzuzwana. Waza wathethela phantsi esithi, “Kulungile. Masibone ukuba ngubani obaleka ngaphezu komnye. Singakhuphisana elugqatsweni ngomso. Siza kubaleka ukusuka kweli sango siye ekupheleni kwamasimi size siphinde sibuye.”

“Kulungile,” watsho uMvundla. “Andizikubaleka nokubaleka ukuze ndiphumelele, Milenzana miFutshane omdala.”

“Uza kubona,” watsho uNcanda. “Akufuneki ude ube nemilenze emide ukuze uphumelele ugqatso, uyazi. Ndiza kuhlangana nawe kweli sango ngomso, ukuphuma kwelanga. Ndiza kuluphumelela ugqatso. Kufuneka undithembise ukuba xa ndiphumelele akusoze uphinde undibize ngamagama anjengooMilenzana miFutshane okanye Nwabu, kwakhona.”

“Kulungile,” wawuma uMvundla, uqinisekile kakhulu ngesiqu sawo. “Ukuba ngokwenene ufuna ugqatso nam, uza kulufumana. Ndiyathembisa ukuba andisoze ndiphinde ndithi Nwabu okanye Milenzana miFutshane – UKUBA uphumelele. Ndiyazi kakade ukuba oko soze kwenzeka. Ndinamendu angaphezulu nakwawomoya. Ndiza kufika ezantsi emasimini ndiphinde ndibuye lo gama wena usacinga ngokusuka. Ngoko ke ndiza kukwazi ukukubiza ngamagama athi Milenzana miFutshane okanye Nwabu kangangoko ndithanda. Ha! Ha!”

UNcanda waxelela umkhuluwa wakhe ngolu gqatso, “Owu zinkosi,” watsho umkhuluwa wakhe, “wenze impazamo enkulu. Yintoni ebangele ukuba ufune ukwenza into engenakwenzeka efana nale? UMvundla unamendu adlula nawomoya. Ngoku uza kukubiza ngamagama afana noNwabu noMilenzana miFutshane ubomi bakho bonke.”

“Ungakhathazeki,” watsho uNcanda, “ndineqhinga. Ndineqhinga elikrelekrele kakhulu. Ukuba uyandinceda, sisobabini singamfundisa isifundo uMvundla. Uza kutsho uyeke ukuzingca nokuqhayisa – kwaye akasoze aphinde andibize ngamagama athi, Nwabu okanye Milenzana miFutshane kwakhona!”

Ngosuku olulandelayo uNcanda wafika kuqala kunoMvundla. Njengesiqhelo, wathatha ixesha elide phambi kokuba afike apho, kodwa wayelinde enoncumo ebusweni bakhe ukufika koMvundla phambi kokuba ilanga lithi chapha endulini.

“Molo, Milenzana miFutshane. Uqinisekile ukuba usafuna ukukhuphisana nam elugqatsweni? Uyazi ukuba akunalo nelincinane ithuba lokuba ungaphumelela. Ingaba ukulungele kusini na ukoyiswa? Khumbula, ndinamendu awodlula nawomoya,” watsho uMvundla.

UMvundla wawuqinisekile ukuba wawuza kuphumelela kangokuba wawusele ucinga ngamanye amagama amatsha owawuza kumbiza ngawo uNcanda emva kogqatso. Oku kwakuza kuba mnandi kakhulu kuwo.

UNcanda wayezincumele ethe cwaka. Wayemile ezipholele elinde emgceni wokuqalisa ugqatso. “Masiqiniseke ngemithetho,” watsho. “Siza kubaleka siye ezantsi emasimini, size siphinde sibuyele kweli sango, akunjalo?”

“Ewe kunjalo,” watsho uMvundla. Emva koko wakhwaza wathi, “Lungani! Phakamani! Balekani! waza wabaleka kangangoko unakho.”

Ngethuba usondela amazantsi emasimini, wawuphelile yintsini. “UNcanda inokuba kungona asazama ukuqala ukubaleka ngoku. Owu, lunwabu ke khona.”

Khawufane ucinge ukuba wamangaliseka kangakanani uMvundla xa uNcanda esithi gqi echulumancile ezantsi emasimini aze athi, “Ndifike kuqala kunawe!”

UMvundla wema okomzuzwana. Emva koko wathi guququ wabaleka ubuyela esangweni ngesona santya siphezulu ungazange wabaleka ngaso ngaphambili. UMvundla wawungafane ukhefuzele, uphefumlele phezulu, kodwa ngaloo mini wawukhefuzela, uphefumlela phezulu ubile uthe xhopho ngexesha owafika ngalo esangweni. Wabheka ngasemva. Kwakungekho phawu lweNcanda. Ngeli xesha, wawuqinisekile ukuba uphumelele. Kanye ngelo xesha kwavakala ilizwi elonwabileyo kwelinye icala lesango. “Kwakhona, ndifike kuqala kunawe!” Yayingenakwenzeka loo nto! Kodwa ngenene nankuya uNcanda, emncumele kamnandi uMvundla.

UMvundla wawungawakholelwa amehlo wawo. UNcanda wayemshiyile elugqatsweni. Waguquka wemka unyothoza ukugoduka, ujingisa intloko yawo, uthe nyoxo ludano.

Kodwa ingaba wakwazi njani uNcanda ukushiya uMvundla? Inyaniso kukuba zange abaleke kwa-ukubaleka. Wathi nje ukuba uMvundla usuke emgceni usinge ezantsi emasimini, uNcanda wazimela ngasesangweni. Umkhuluwa wakhe wayesele ezimele kade ezantsi emasimini. Xa uMvundla ufika ezantsi emasimini, yayingumkhuluwa kaNcanda owathi gqi wathi “Ndifike kuqala kunawe!” UMvundla wawothuke kakhulu kangangokuba zange uqaphele nokuqaphela ukuba yayiyincanda yimbi leyo yayisitsho. Xa uMvundla wawufika entanjeni, ukhefuzela uphefumlela phezulu kwaye ubilile, konke ekwakufuneka uNcanda akwenze yayikukuphuma ngokuzolileyo kwindawo azimele kuyo athi, “Kwakhona, ndifike kuqala kunawe!”



UMvundla zange uphinde uqhayise kwakhona – ingakumbi uqhayisele uNcanda. Waba ngumhlobo ongcono kakhulu. Zange uphinde umbize ngamagama amabi uNcanda kwakhona. Kwaye zange uyibhaqe indlela uNcanda awamshiya ngayo ukuze aluphumelele ugqatso.






# Nal'ibali fun

Neo and Bella love books! Can you find book words in the wordsearch block below?

AUTHOR  
COVER  
INFORMATION  
PAGES  
PICTURES  
READ  
STORY  
TITLE  
WRITE  
WORDS

C	B	L	M	P	W	O	A	W	S	T
T	O	A	C	A	R	D	U	R	T	F
I	N	F	O	R	M	A	T	I	O	N
T	W	G	V	H	J	L	H	T	R	P
L	O	M	E	N	Q	S	O	E	Y	A
E	R	U	R	E	A	D	R	X	T	G
P	D	A	Y	K	B	E	R	V	Z	E
W	S	C	P	I	C	T	U	R	E	S



## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

UNeo noBella bazithanda kakhulu iincwadi! Ungawafumana amagama angencwadi kule bhloko yamagama ingezantsi?


UMBHALI  
UMKHAVARISHO  
ULWAZI  
AMAPHEPHA  
IMIFANEKISO  
FUNDA  
IBALI  
ISIHLOKO  
BHALA  
AMAGAMA

B	B	L	I	S	I	H	L	O	K	O	B
H	O	U	M	B	H	A	L	I	T	F	A
A	N	I	B	A	L	I	T	I	O	N	A
L	W	G	V	H	U	L	W	A	Z	I	A
A	M	A	G	A	M	A	I	E	Y	A	D
E	A	M	A	P	H	E	P	H	A	G	N
P	D	A	I	Q	W	E	Q	W	E	E	U
I	M	I	F	A	N	E	K	I	S	O	F
U	M	K	H	A	V	A	R	I	S	H	O



Can you find six differences between these two pictures?

Ingaba ungazifumana izinto ezintandathu eyahluke ngazo le mifanekiso mibini?



We hope you have enjoyed this Nal'ibali supplement! Remember it comes out every fortnight during school terms. Your next reading-for-enjoyment supplement will appear in the newspaper during the week of 26 April 2015.



Sithemba ukuba ulonwabele olu hlelo lweNal'ibali! Ukhumbule ukuba lupapashwa rhoqo kanye kwiiveki ezimbini ngexesha lesikolo. Uhlelo lwakho olulandelayo lokufundela ukuzonwabisa luza kuphuma kwiphephandaba leveki yama-26 kuTshazimpunzi wama-2015.

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld

